QINISEKA NGOTHIXO

Kwaye Ifundeka ngoluhlobo.

Kwaye u-Eliya umTishbhi, owaye . . . ummi *waseGiliyadi, wathi ku Ahabhi, Ehleli nje UYEHOVA uThixo wakwaSirayeli, endimi phambi kwakhe, akuyi kukha kubekho mbethe namvula le minyaka mithathu, kungengalo ilizwi lam.*

Kwaye lafika ilizwi likaYEHOVA kuye, lisithi,

Hamba umke apha, uye empumalanga, uzimele emfumleni oyiKeriti—Keriti, (ndifuna ukutsho) *ekhangelene neYordan.*

Kuyakuthi, okokuba usele emfuleni; kwaye Ndiwawisele umthetho amahlungulu ukuba akuxhase khona . . .

Wahamba wenza ngokwelizwi likaYEHOVA: waya wahlala ngasemfuleni iKerite, ekhangelene neYordan.

Amahlungulu amzisela isonka nenyama kusasa, nesonka nenyama ngokuhlwa; wasela emfuleni apho.

Kuthe kwakuhamba ixesha, watsha umfula, ngokuba bekungabangakho mvula elizweni.

Lafika ilizwi likaYEHOVA kuye, lisithi,

Vuka, *uye eTsarfati, yaseTsidon, uhlale khona: khangela, ndimwisele umthetho khona umfazi ongumhlolokazi ukuba akuxhase.*

Wavuka waya eTsarfati. Kwaye xa wafikayo esangweni lomzi, khangela, nanko kukho apho umfazi ongumhlolokazi echola iinkuni: wambiza, wathi, Khawundikhelele, ndiyakubongoza, intwanana yamanzi ngesitya, ukuze ndisele.

Kwaye esaya kuwakha, wambiza, waza wathi, Khawundiphathele, ndiyakubongoza, iqhekeza lesonka esandleni sakho.

Waza wathi, Ehleli nje UYEHOVA uThixo wakho, andinasonka, kodwa umgubo ongazalisa isandla emphandeni, kunye nentwana yeoli eselweni: kwaye, khangela, ndichola iinkuni ezimbini, ukuze ndiye ngaphakathi ndize ndenzele mna nonyana wam, ukuba sidle, size sife.

Wathi u-Eliya kuye, Musa ukoyika; yiya wenze ngokwelizwi lakho: kodwa ndenzele isonkana ngawo kuqala, uze undizisele, emva koko uzenzele ke wena no . . . nyana wakho.

Ngokuba utsho UYEHOVA uThixo wakwaSirayeli, Umphanda womgubo awuyi kuphela, neselwa le oli aliyi kuminyelelwa, ide ifike imini aya kuyinisa ngayo imvula uYEHOVA phezu komhlaba.

Waya ke wenza ngokwelizwi lika Elisha*: kwaye yena umfazi, kunye naye, kunye nendlu yakhe, badla iintsuku ezininzi.*

Umphanda womgubo awuphelanga, neselwa le oli alaminyelelwa, ngokwelizwi likaYEHOVA, awalithethayo *u-Eliya.*

Ngentetho yale ntsasa, nje phambi kokuya ngaphesheya kolwandle, ndikhethe isiqendwana, soku: Qiniseka NgoThixo.

2 Kwaye ngoku, Nkosi, sikelela iLizwi Lakho njengoko Lihambela phambili, kwaye wanga uMoya oyiNgcwele angabamba iingqondo zethu neengcinga zethu, asilungiselele ukundwendwela Kwakhe, njengoko simcelile ukuba Aze. Ngokuba asizanga endlwini yeNkosi ukuba sibonwe, okanye sibone, kodwa ukuba sifunde ngaWe, kwaye sazi uhlobo lwaKho, nendlela Yakho, nezenzo Zakho, ukuze sibe nakho ukujongana neengxaki zobomi, ngengqiniseko yenene, siqinisekile ngoThixo. Siphe yona, Nkosi. eGameni likaYesu siyayicela. Amen.

3 Kufanele ukuba yayiyintsasa embi kakhulu. Kwakushushu kakhulu kuqhuma, nabantu besesistratweni, belambile, kwaye umhlaba ushushu kakhulu ulungele ukuvutha. Konke oku kwakungumboniso wezono zabo nokubola kwezimilo zabo.

4 Uyabona, u-Ahabhi wayelawula kwa—kwaSirayeli, ngelo xesha, okanye phezu koSirayeli, kwaye wayengoyena ungalunganga kakhulu kunabo bonke ookumkani bakwaSirayeli. Akuzange kubekho kumkani ungalunganga njengo Ahabhi, ngokuba, ekubeni efundisiwe kwaye esazi ngcono, zange asilele ekungamkholiseni uThixo entweni yonke awayenzayo. Nakubeni wayenenkqubo enkulu yomkhosi, nabantu betyeba kakhulu phantsi kolawulo lwakhe, kodwa, noko, akunakungamkholisi uThixo uze ulindele ukuqhubekeka nje ixesha elide.

5 Kwaye emva koko, ekutshateni kwakhe, endaweni yokutshata phakathi kwabakubo abantu, wawelela ngaphaya waza watshata umoni, umnquli zithixo, unqulo lwezithixo. Watshata uJezebhele. Kwaye wayengelokholwa.

6 Kwaye akukho kholwa elifanele litshate ongakholwayo nanini, naphantsi kwaziphi iimeko. Fanele kusoloko kutshata amakholwa.

7 Kodwa u-Ahabhi wenza lento ingcolileyo. Kwaye ngaphandle kwamathandabuzo kodwa into awayeyiyo uJezebhele wayengumfazi omhle. Kwaye wawa kulonto awayekhangeleka ngayo, endaweni yalonto awayeyiyo. Yilonto abantu abaninzi, benza la mpazamo inye, de kube ngulo mhla.

8 Kwaye wazisa unqulo zithixo esizweni, phakathi kwabantu. Kwaye abantu, ababingeleli, abalungiseleli babo, babangamaxhoba kule inkulu imfuneko edumileyo.

9 Kwaye nguwona mfanekiso welizwe lethu namhlanje. Siwe phantsi kwemfuneko edumileyo. Akuthandabuziseki ukuba ababingeleli bacinga iyakube iyinto elungileyo, okoko nje urhulumente wabo eyivuma. Kodwa andikhathali nokuba yintoni urhulumente ayivumayo, kufuneka ibe yilonto uThixo ayivumayo. Kwaye abantu bacinga ukuba iyakuba yinto elungileyo ukuba bangxamele kwezinye zezinto zabo zehlabathi.

10 Kwaye omnye angandicela ukuba ndiphinde oku ndisandula ukukuthetha, okokuba yayingumfanekiso ofana kakhulu nanamhlanje. Singangacingi ukuba singabanquli zithixo, kodwa singabo. Kwaye urhulumente uyayivumela lonto. Abantu namhlanje bangabanquli zithixo, ngokuba ba—banqula iintandane. Abanye babo banqula abadlali zibhanyabhanya, njengeentandane. Abanye banqula imali, njengeentandane. Kwaye abanye banqula abadlali kumabonakude, njengeentandane. Kodwa konke oko uthi ukubeke phambi koThixo sisithixo, nokuba ingaba yintoni.

11 Nkqu nakuSathana, umchasi wethu omkhulu, ulinene kakhulu, ade abeke, ngamanye amaxesha, icawa phambi koThixo. Ungaba nenkulu icawa. Ingaba sisakhiwo esikhulu, okanye ingaba lihlelo elikhulu. Kwaye, kwakhona, ingaba yirhamente enkulu, kodwa sukuvumela nantoni ize phambi koThixo, entliziyweni yakho. Nantoni na, ngaphambi koThixo, sisithixo.

12 Kwaye aba bantu babesazi babengekho semoyeni njengokuba babeqhelile, phantsi kolawulo lwabanye okumkani. Kwaye bacinga, ngokuba nje babesisizwe esinenkolo, okokuba yonke into iyakuba yelungileyo. Kwaye leyo yindlela esifike ngayo kula ndawo nathi.

13 Kwinyanga ezithile ezigqithileyo ndandithetha nomhlobo wam olunge kakhulu. Kwaye wathi, “Mzalwana uBranham, ndiyakholwa ukuba uyibethelela kakhulu le United States.” Wathi, “Usoloko ugquma ngokuchasene nesono kwaye nendlela uThixo azakusohlwaya ngaso esisizwe.”

14 Ndathi, “Kufanele Ayenze, ukuze abe lilungisa.”

Wathi, “Kodwa, Mzalwana Branham, uyalibala ukuba esi sizwe sasekelwa phezu kweZibhalo. Kwaye oobawo-mkhulu bethu beza apha, kwaye uThixo wasinika eli lifa. Kwaye sisisizwe esinenkolo.”

15 Ndathi, “Yinyani leyo, yonke kuyo. Kwaye akukho bani waziyo indlela endisincoma ngayo esi sizwe! Kodwa, jonga, mzalwana wam, uSirayeli naye wayenyuliwe nguThixo, kwaye Wathumela abaprofeti bakhe kunye namadoda amakhulu. Kodwa uThixo akanakumelana nesono. Wamenza uSirayeli

avune lonke ukhozo abalutyalileyo. Kwaye ukuba Wamenza uSirayeli avune akulimileyo, Uyakusenza sivune esikulimileyo. Akangomkhethi wabuso bamntu."

16 Kwaye sifike kwindawo ukuba sicinge ngokuba siphumle phezu koko oobawo-mkhulu bethu bakwenzayo, okanye koko abaseki bethu abakhulu bamabandla ethu, oko kukhulu kwakungumnikelo wabo kuThixo, ntoleyo ilungileyo kwaye incomeka, kodwa asinakwenza usindiso koko bakwenzileyo! Usindiso yinto yomntu ngamnye phakathi komntu ngamnye kunye noThixo. Hayi phezu kwesizwe, ngecawa yethu, kodwa ngeziqu zethu phambi koThixo, siyaphendula.

17 Ifike kwindawo esizweni sethu, de phakathi kwabona bangabomoya abantu esinabo, uya kumadoda angabakwamoya nabafazi, kwaye ufumanise entliziyweni yabo ukuba kukho into esilelayo.

18 Besi, kwiveki ezimbalwa ezigqithileyo, bendijonga ezinye zezi zinto, kwaye ndifumanisa ukuba emadodeni ebendicinga ngabalulekileyo, noko ndifumanise ukuba agxininisa phezu kwezinto zomzuzwana, ahamba esithi, "UThixo undinika eyona inkulu *intoni-ntoni*. UThixo undinike . . . " Uyaxoka.

19 Izinto ezinkulu zenyama azisoloko ziphumle kwintando kaThixo. UThixo wenza imvula ine kumalungisa nabangengamalungisa. Kodwa oko ihlabathi elikudingayo namhlanje asibobuxoki bokholo, ukuzama ukuzixokisa kwinto ethile uze uyibize eyomoya.

20 Ngamanye amaxesha ukholo luyakwenza imimangaliso emikhulu, kwaye noko akuphumi ntliziyweni iyeyomoya. Ayitshongo na iNkosi yethu? "Abaninzi bayakuza kuM, ngaloo mini, bathi, 'Andenzanga *oku* no*kuya*, eGameni Lakho?' Kwaye Ndiyakuvuma kubo, 'Mkani kuM, nina basebenzi bobugwenxa.'" Yintoni ubugwenxa? Yinto okwaziyo ukuyenza kakuhle kwaye ungayenzi. "Andizange ndanazi," Uyakutsho. Kwaye siphila kuloo mhla.

21 Into esiyidingayo namhlanje asizonto zobutyebi ezininzi. Sinako oko. Asidingi mabandla makhulu. Asidingi marhamente makhulu. Asidingi okuninzi kunomathotholo nakumabonwakude. Asidingi ezininzi kakhulu ngaphezulu zezi zinto. Kodwa esikudingayo namhlanje, ukuba ngabomoya, ngumntu oyakuzithoba phambi koThixo, ukuba abanayo ipeni, kwaye bayakuthandaza de la moya ungaphakathi kubo woneliseke bubulungisa bukaThixo, kwaye imvuselelo yenzeke kumphakathi wentliziyo yabo, eguqula izimilo zabo nemo abaphila kuyo.

22 Ungangabinazo izihlangu ezinyaweni zakho, ungabe unxibe amadlavu, kodwa into ethile entliziyweni yakho icula ingoma ezimnandi zikaThixo. Kungcono ndibenayo kunayo yonke imali ehlabathini.

23 Ke akunakutsho ukuba izinto zenyama zisoloko zingumqondiso wentsikelelo kaThixo. UDavide wakutsho oko eNkosini, okokuba ububonile ububi busandisa eyakhe . . . njengomthi omkhulu weziqholo zokutya. Kodwa uThixo wambuza, "Ukhe wabugqala na ekugqibeleni?" Akukhathaliseki zilunge kangakanani impahla esizinxibayo, kukangakanani esifanele sitye ngako, asiyilonto eya eBukhoneni bukaThixo. Lo mzimba esihlala kuwo, uyatshabalala, akukhathaliseki nokuba uhoywa kangakanani. Kodwa ngumphefumlo osemntwini; yimeko yomoya eya eBukhoneni boThixo ophilayo.

24 Kodwa sithatha izinto ngesiqhelo. Sicinga ukuba ngenxa yokuba sisisizwe . . . Wayenjalo u-Ahabhi namaSirayeli onke, ngala mhla, bathatha izinto ngesiqhelo, okokuba yonke into yayilungile. Ababingeleli babo nabashumayeli bazama ukubaxelela, "Konke kulungile. Yonke into nje ilungile." Kodwa babenomnye, wankqangaza ngokuchasene nento engalunganga, ngokuba lona wayesazi ukuba uThixo oyingcwele akanakoneliseka ngoluhlu lwanamhlanje lwenkolo engekho ngcwele.

25 Ke unjalo uThixo weZulu uhlala ekwanguye namhlanje. Kuzo zonke iinzame zethu nezinto ezinkulu esizama ukuzenza, uThixo akasokuze akholiseke ngaphandle kobupheleleyo ubomi obungcwalisekileyo phambi Kwakhe.

26 Singokha izikolo, neetempile, netabanekile. Singaba nayo imibutho. Singenza izinto ezinkulu, kodwa noko uThixo akasokuze aneliseke ude umphefumlo womntu ungcwaliswe kwisibingelelo sikaThixo, ubekelwe bucala ukwenzela umsebenzi kaThixo. Kwaye akusakufumani oko.

27 Ufumana imihlangano yemithandazo yethu ityhafile, nje malunga nomzuzu womthandazo, tsibela ebhedini. Sifumanisa ukuba oko kwenzeka kanye okanye kabini ngemini. Xa, sonke kuthi sinetyala. Isizwe sethu, ngesimilo, siyabola. SinooBilly Graham kunye nooOral Roberts ndaweni yonke. Kodwa kude kubekho unxano entliziyweni yeMerika, ukuyibuyisela kuThixo ophilayo kwakhona, kumava aphilayo, kolungafiyo ukholo kuThixo ophilayo. Sibetha nje iingqondo zethu, njengoko ibinokutsho, phandle.

28 Singahamba sityhale izifuba zethu, nekhola zethu zigqwethiwe, size sihle ngesitrato, sinqwenele ukubizwa "Gqirha" okanye "Mfundisi." Singalusa ezona zinkulu iicawa ezikhoyo emhlabeni, kwaye singahlonipheka njengoko sinokuba nakho, ukude kungabikho mntu unokubeka mnwe ebomini bethu. Kodwa ude la mphefumlo ungaphakathi kuthi usemlilweni ngenxa kaThixo, ide into ethile phakathi phaya, elangazelela Yena! "Njengebhadi litsalela emfuleni wamanzi, umphefumlo wam unxanelwe Wena, Owu Thixo." Side sifike kolwahlobo lwamava!

29 Ngako oko, ubukomanisi, nanjalo njalo, ziyakuthimba imihlaba njengoko zisenza, nako konke ukuzibandakanya esinokwenza akusokuze kuyinqande. Iqikelelwe ukuba ize. Kodwa uThixo ubiza eBandleni Lakhe.

30 Kanjani la mfazi mncinci ebenokuba ludidi luka Eliya! Ngokuba, ngamaxa amaninzi izenzo zakho zibonisa into oyiyo. Kwaye, kwakhona, wayekhethiwe ukuba ahoye umprofeti kaThixo. Khumbula, wayengoweNtlanga, hayi umJuda.

31 Kwaye umhlaba wawusitsha. Kwaye ngaphandle kwamathandabuzo wokuba lo mfazi mcinci, ekubeni engoweladidi, ekubeni eluhlobo lwekholwa . . . Ngokuba siyabona ukuba uThixo ebengenakumbiza, ukuba ebengenguye ofaneleke ukuba ahoye umprofeti kaThixo. Ngokuba Ebengasokuze athumele umprofeti Wakhe kwindlu engafanelekanga.

32 Yayingekokukhetha kwakhe. Yayikukukhetha kukaThixo. Yayingekokumema kwakhe yena. Yayikukumema kukaThixo. Wayebekwe ngasemfuleni. Amahlungulu ayemondla. Kodwa yayingumyalelo kaThixo ukuba into ethile yenzeke. Kwaye uThixo ngokuqinisekileyo waya kwikholwa lohlobo olunye no-Eliya.

33 Wayengumfazi ongumhlolokazi. Kwaye siyazi sonke wayeyintoni, umfazi ongumhlolokazi, owayenokuba uhambe kuyo, kunye nomyeni wakhe efile nenkwenkwe yakhe encinci ukuba ayikhulise.

34 Kwaye kwimihlaba phaya, babexhomekeke kwisivuno sabo. Babengenawo amaphulo njengokuba sinawo namhlanje, kunye—kunye nezityalo zokukhusela. Babexhomekeke kwisivuno sabo. Kwaye ngokuba ubugwenxa babantu, kunye nezimilo zabo ezibolayo, zazisa imbalela emhlabeni, naku babelamba besifa.

35 Kwaye siyafumanisa ukuba ngaphandle kwamathandabuzo wayethandazile ubusuku emva kobusuku, bonke ubusuku, njengoko wayeqalisa ukubona lamphanda womgubo usehla, ukuhla, ukuhla. Kwaye uyakwindawo de kungabikho komityi igcwalayo emphandeni. Konke awayenako yayiyintwanana ezalisa isandla. Ukufa kwakusiza ngqo esangweni, kumnyango wakhe. Ngokuba kwakungekho ndlela yokufumana kwanto. Isizwe sonke sasilamba.

36 Kwaye, ioli, yayilungele ukuzalisa icephe eseleyo kwikonkxana encinci. Nje engakaya ioli nomngakaya umgubo kulele phakathi kwakhe nokufa. Kufanele ukuba wanyanisa ngenene kwimithandazo yakhe. Yeka okuya kubethe ikhaya lakho, iyakuba yenyanisekileyo kunokuba sikuko ngalentsasa, xa sisazi ukuba ukufa kulele emnyango.

37 Kwaye ndiyakholwa, mhlawumbi, besinokucinga, mhlawumbi, oku, ukuba wathandaza ubusuku bonke, okosuku

olunye kuyenze. Wayenokujonga kwimilebe exwebileyo yenkwenkwana yakhe emalunga nesithathu okanye isine seminyaka ubudala. Kwaye enokuwabona amathambo ayo enyamalala, njengoko inyama yayisuka kuwo. Kwaye kufanele ukuba yayiyinto embi kakhulu, njengoko lo mama, ebona ezi zinto ziqhubeka. Kwaye, noko, ngezandla zakhe phambi koThixo, ethandaza imini nobusuku, "Ngoku sisele nonokuzalisa isandla umgubo neoli enokuzalisa icephe."

38 Uyazi, yinto engaqhelekanga. Wanga uThixo angenza oku kungene nzulu kuni ngabanye, ukuba akusokuze undive ndishumayela kwakhona. Yenza lona ube ngumyalezo. Akuqhelekanga, ukungaqheleki kakhulu, ukuba ngamanye amaxesha uThixo wenza izinto ngolwahlobo.

39 Uyazi, xa sizivumile izono zethu kwaye sizalise zonke iimfuno uThixo azifunayo . . . Sikholwe kuThixo. Kukho iimeko ekufuneka ifezekiswe, kwaye zingokwentando Yakhe. Kwaye sizivumile izono zethu, kwaye senze konke okungalunganga esithe sakwenza, kulunge, senza yonke into esiyaziyo yenziwa njani. Yonke imfuno kaThixo ayenzileyo, okanye ayicelayo, siyihlangabezile lo mfuneko, kwaye noko Uthe cwaka. Akaphenduli nje.

40 Ndiqinisekile ndithetha nabantu, ngale ntsasa, abakhe bafika kula ndawo. Ndandikhe ndaphaya, amaxesha amaninzi, ngokwam. Xa ndabuyela emva ndaphanda ubomi bam ndaguqula lonke ilitye, ndaza ndafumana ukuba ndenze into engalunganga, bendisakuya ndiyokuyivuma ndithi, "Nkosi Thixo, ndiyakuyilungisa," kwaye ndihambe ndenze njalo. Emva koko ndibuyele emva kwakhona ndize ndithi, "Ngoku, Nkosi, Wena unguThixo; Uyakundiphendula. Ngokuqinisekileyo ndihlangabezane nayo yonke imfuno othe Wayifuna kum ukuba ndiyenze. Kwaye yonke imfuno, ndiyihlangabezile." Kwaye noko Ebengayi kushukuma, kukhangeleka ngathi uthe cwaka, kuxa kufuneka uqiniseke ukuba UnguThixo. Sukutyafa. Kuphela kwento, yeyokuba, entliziyweni yakho, kukuqiniseka ngoThixo.

41 Isihloko sam. Qiniseka, kuqala, phambi kokwenza nantoni. Qiniseka, entliziyweni yakho, okokuba nguThixo. Kwaye xa uhlangabezana nayo yonke Ayitshiloyo, ngoko uyaqiniseka ukuba NguThixo, kuxa ukholo luya ekusebenzeni, kanye apho. Ukholo luma ngxi, ngokuba luyazi ukuba Ukho.

42 Kwaye uhlangabezene nayo yonke imfuneko. Uyakholwa ukuba Ukho, kwaye ukholo lwakho lume ngxi. Owu, malibongwe iGama Lakhe! Ukholo sokuze lushukume, ngokuba luqinisekile ukuba uThixo nguye, kwanomvuzi wabo bamfuna ngenyameko Yena.

43 Kwanga oku kugehla nzulu kwaye kungaze kumke kuwe, Mnquba kaBranham. Ukuba uhlangabeze imfuneko zikaThixo,

kwaye entliziyweni yakho uyakholwa ukuba Unguye, uThixo uvavanya nje ukholo lwakho, ngokuba Uyathanda ukwenza lonto. Usivumile isono sakho kwaye uhlangabezene nemfuneko ayifunayo uThixo, kwaye futhi Uhleli ethe cwaka, khumbula, ukholo luthi Ukho. Ngoko ukholo lubambelela kuyo, lungazi ukuba imalunga nantoni, kodwa liyazi ukuba Ukho, kwaye luqinisekile ukuba Ukho.

44 Ngoko, khumbula, ukuba Ukho, aMazwi Akhe afanele anyanise. Kwaye ukuba Ufuna wena uhlangabezane nezi mfuno, kwaye wenzile njalo, Ubophelelekile ukuba alikhathalele iLizwi Lakhe. Sukuhlehla, uthi, "Kulungile, andizange ndaphiliswa. Ndi . . ." Owu, wena hlwempu, kholo olutyhafileyo. Sukuyikholelwa lonto. Ukuba yonke into ivunyiwe, kwaye yonke into iphumile, kwaye uhlangabezane nemfuno kaThixo, ukholo lubambelela kanye phaya. Akukho nto iyakulushukumisa. Ukho, kwaye uqinisekile. "Abo balindela eNkosini bohlaziyeka emandleni; bayakuntingela phezulu ngempiko zokhozi. Bayakubaleka bangadinwa; ukuba bayahamba, abayi kutyhafa."

45 Linda, xa uhlangabezene nemfuno Yakhe. Oko kuzisa ukholo lwakho etshatshalazeni. Ukuba uhlangabezene . . . imfuno zikaThixo zenziwe, okanye zihlangatyeziwe, kwaye uziqwalaselisile, kwaye wenze yonke into athe uThixo wayifuna ukuba uyenze, ngoko ukholo lwakho luphumla kanye phaya, ekubeni Ukho. Qiniseka ngoThixo.

46 Uyazi, Uyathanda ukusivavanya. Uyathanda ukubona indlela ukholo lwakho oluyakwenza ngayo. Ingaba ubuyazi lonto? UThixo uyathanda ukubona ukuba uyakwenza njani. Xa usithi, "Owu Nkosi, ndiyakukholwa Wena. Wena unguMsindisi wam. Ndiyakholwa ukuba UnguMphilisi. Ndiyakholwa ukuba Ungulowo Unika uMoya oyiNgcwele. Kunye nezinto endizidingayo, UnguThixo Okunikayo oko." Kwaye emva koko xa uvuma zonke izono zakho kwaye uthembise uThixo oko uyakwenza ukuba Angakwenza uphile, kwaye ngokuba ingenzeki, uyabaleka umke njengegwala ndaweni ithile. UThixo akanakuyisebenzisa lonto. Akukho ndlela kuYe yokuba akusebenzise. Akukho ndlela kuYe yokuba akuphendule, ngokuba Uphendula kuphela ngokholo. Ngoko, ngequbuliso, uyemka, kwaye Akanakuphendula. Kodwa olwenene, olunyanisekileyo ukholo luyema phaya, luqiniseke ukuba uThixo ukho. Qiniseka ukuba Ukho.

47 Kwaye ukuba uThixo ucela lento ukuba yenziwe, ukuvuma izono zakho, nanjalo njalo, kwaye uyenzile, ukholo luthi Ukhona, kuqinisekekile ukuba izakwenzeka. Isicelo sakho kufanele siphendulwe. Owu, ndi—ndiyathemba akuyiphosi lonto. Ukuba uqinisekile ngoThixo, uThixo uqinisekile ngeLizwi Lakhe. Ulindele kuphela ukukuvavanya.

Uyenzile ngamaxesha amaninzi. Masilinganise enye okanye ezimbini iingxaki.

48 Masicinge ngabantwana bamaHebhere. Babengazukuqubuda kwisithixo. UThixo wayenengqiniseko kubo. Kwaye xa bavayo ukuba kufanele baye ezikweni elivuthayo, bathi, "UThixo wethu unakho ukusihlangula kweliziko. Kodwa ukuba Akayenzi, asizukuqubuda nakwesiphi sezithixo zakho." Yabona, babeqinisekile kwaye beqinisekile ngoThixo.

49 Babesazi ukuba WayenguYehova. Babesazi ukuba Wawuphendula umthandazo. Kodwa nokuba Uyenzile kwimeko yabo, okanye hayi, ibiyakuba yeyokulungileyo. Ke benza intetho yabo, bavuma izono zabo, baza baya ekufeni.

50 Xa babesiya kwiziko elivuthayo, besazi ukuba babeqinisekile, ukuba, ukuba uThixo ubayeka batshe, Uyakubavusa kwakhona, eluvukweni. Babeqinisekile ngoThixo, ngokuba babesazi ukuba uThixo uyakwenza yonke into elungiselela bona. Kwaye xa siqinisekile ngoThixo, siyazi ukuba uThixo usebenza yonke into ngokulungileyo kuthi.

51 Ke, benza intetho enye. Babeqinisekile, baza baya ngqo kwiziko elivuthayo. Kwaye uThixo wabayeka baya phaya; ehleli, ejonge kubo. Wayefuna ukubona ukwenza kwabo.

52 Xa, ukumkani wathi, "Niqubudile xa ixilongo likhalile?"

Bathi, "Hayi. Asiqubudanga." Nalo ukholo lwakho, lubambelele nkqi.

"Kulungile, ngoko, ukuba aniqubudanga, niyasazi isigwebo sam."

"Ewe, siyasazi isigwebo sakho."

"Isigwebo sam sesi sokuba iziko lizakubaswa ngokuphindwe kasixhenxe ukubashushu kunokuba lakhe lanjalo, kwaye ndiyakunilahlela phaya. Niyafuna na ngoku ukuqubuda?"

"Hayi. Asisayi kuqubuda." Nalo ukholo lwabo.

53 UThixo uthi, "Kulungile, Ndiyakubona bayakwenza ntoni malunga nalonto. Ndiyakubona yintoni eyakwenziwa lukholo lwabo."

54 Ke wathi, "Babopheni izandla zabo, nibophe neenyawo zabo, niqalise ukubasa ezikweni." Kwaye bahamba ukuya kwela ziko, nomlilo ebusweni babo. UThixo esamile, ejonge kuyo. Kodwa babeqinisekile ukuba Waye enguThixo. Babelwenzile uvumo lwabo. Babenze yonke into kakuhle, abayaziyo. Babeqinisekile ukuba Waye enguThixo.

55 Ke baya ngqo kwela ziko livuthayo. Kanye kumzuzu wokugqibela, nanko Esiza esihla emazulwini, ekhwele inqwelo yokulwa yomoya, yapholisa amadangatye kubo, ngelixesha Ebathuthuzelayo kwaye ethetha nabo.

56 UThixo uyeka ukholo lwakho lufike kwindawo apho luyakwenza into.

57 Kwakukho uYobhi, weTestamente eNdala, xa uSathana, ummangaleli wethu, wammangalela ngokuba ngumoni wasemfihlakalweni. Kodwa uYobhi wayesazi ukuba akakhange one. Wayesazi ukuba wayevumile yonke into awayeyenzile, kwaye wabeka umbingelelo otshisiweyo phandle phaya. Oko kwakuyimfuno kaThixo. Koko kuphela uThixo akufunayo, yayingulamnikelo utshisiweyo kunye nentlambululo. Kwaye uYobhi wazenza ezo zinto.

58 Kwaye uSathana wathi, "Ndiyakuthabatha iinkamela zakhe, ngokuba uyindoda esisityebi. Ndiyakuthabatha iigusha zakhe." Kwaye ekugqibeleni wathabatha abantwana bakhe, okona kusondeleyo entliziyweni yakhe.

59 Nangona kunjalo, uYobhi wama ngxi, ngokuba wayemazi la Thixo. Kulungile, wayeqinisekile ukuba WayenguThixo, ngokuba wayethethile naYe, kwaye wayehlangabezene neemfuno Zakhe. Waphanda ezantsi waza wafumanisa, "Ndenze wonke umnikelo otshisiweyo. Ndithe entliziyweni yam, 'Mhlawumbi xa oonyana bam bene—benesidlo, kwaye neentombi zam ziyile, mhlawumbi kungenzeka benze isono emfihlekweni entliziyweni yabo, ke ndiyakunikela umnikelo otshisiweyo ngabo ndivume izono zabo.'"

60 Owu Thixo! Xa indoda igcine oko uThixo athe kwenze, iqinisekile UnguThixo, kufanele Aphendule. Ukholo lumbizela embonisweni Yena, lonke ixesha.

61 Xa wenza oko ukwaziyo ukuba kulungile, xa uhlangabezene neemfuno Zakhe, xa uvumile kwaye wenze kakuhle, kwaye wenze imbuyekezo, kwaye wayibeka phambi koThixo. Andikhathali Uthule kangakanani, UsenguThixo, elindele ukubeka olwa kholo phaya. Uyenzile imisebenzi yakho, ngoku Ufuna ukubona ukholo lwakho ngemisebenzi yakho. Ufuna ukubona into oyakuyenza.

62 Ukuba ubuthanjisiwe waza wathandazelwa, uThixo ulindele ukubona yintoni oyakuyikholelwa malunga nayo. Hayi ukubalekela kwiCawa ezayo, kunye nokubalekela kusuku oluzayo, kwaye umphilisi olandelayo uyeza esixekweni. Ulindele ukubona ukwenza kwakho kukholo lwakho. Hayi ukubuyela emva, kusuku olulandelayo, uze uthi, "Ndiva kakubi kakhulu, andicingi ukuba ndiyifumene impiliso." Awukulungelanga ukuba kumgca wokuthandazelwa, indawo yokuqala. Akukho njalo. Akukho njalo. Awukakulungeli, okwangoku. Akukholelwa ukuba Unguye uThixo. Andi . . .

63 Ungathi, "Mzalwana Branham, andivumelani nawe." Izenzo zakho zingqina lonto uyiyo. "Ngeziqhamo zabo niyakubazi." Ukuba umntu uthi ungumKristu; kwaye usasela, atshaye, angcakaze, enze iziqhulo ezingcolileyo, aze

athi, “Indawo ethile yeBhayibhile ilungile, ezinye indawo azilunganga.” Angashumayela iVangeli, aze aphike indawo ethile yeBhayibhile. Usengumoni. Akalunganga, okwangoku.

64 Kodwa xa uvuma ngokuphandle ukuba uThixo usenguThixo omnye, kwaye nobomi bakho busezandleni Zakhe, okokuba, “Nkosi, ndiludongwe; Wena unguMbumbi,” ngoko cela nantoni oyifunayo. Ukholo alusokuze lugungqe. Luyakuma kanye phaya.

65 Nakubeni iimeko zinokukhangeleka zisiwa ukususka ekunene nasekhohlo, kodwa olwa kholo zange lugungqe, ngokuba uqinisekile ukuba UnguThixo. Kwaye ukuba NguThixo, Uyasigcina isithembiso Sakhe. Akanakwenza isithembiso aze asophule. Ukuba NguThixo, kufanele Agcine isithembiso Sakhe. Owu, ndiyayithanda lonto. Kufanele Ahlale naso.

66 UYobhi wenza iminikelo yakhe; wenza yonke into. Wayesazi ukuba wayelungisile. Kwaye naku kusiza amalungu ecawa, ezinye zeecawa zamanye amahlelo, zathi, “Yobhi, ungasuke nje uvume ukuba ungumoni, ngokuba uThixo akanakuyeka wohlwaywe ngoluhlobo ngaphandle ubungumoni.”

67 Kodwa uYobhi wathi, “Ndiyenzile intlambululo yam. Ndibeke umnikelo otshisiweyo phambi koThixo, kwaye andingomoni.” Wayesazi apho ame khona. Ngoko yonke into yaqhubekeka, nje oko noko noko, nje kanzima kunokuba inokubanjalo, izama ukumthoba uYobhi, ize imzise uYobhi kwindawo apho anokuphika uThixo kwaye aphike neladini litshisiweyo. Kwangeloxesha uthabatha inyathelo phezu kwayo nayiphi into oyivumileyo, ibonisa ubuthathaka bakho, intandabuzo yakho ngoThixo. Ucela uThixo nantonina, uze uhambe ujikeleze uyithandabuza, ngoko ungumthandabuzi hayi ikholwa.

68 UYobhi wayesazi apho ame khona, kwaye wama ngxi kwesa siseko.

69 Akumangalisi uPruitt wathi, kwiyure yokufa kwakhe:

> KuKristu, iLityе eliqinileyo, ndimile;
> Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

70 Kwela lityе liqinileyo lesivumo sikaYobhi, nkqu namthandayo umfazi wakhe wemka. Xa impilo yakhe yayiphelile, kwaye amathumba ayekuye wonke, kwaye wayezikhuhla kwaye eqalekisa usuku awazalwa ngalo. Wathi, “Langa ilanga lingangakhanyi! Yanga inyanga ingahlala phantsi ebusuku.”

Umfazi wakhe wathi, “Yobhi, ubandezelekile kakhulu. Kutheni ungamqalekisi uThixo ufe?”

71 Wathi, “Wena uthetha njengesidengekazi somfazi.” Wayeqinisekile wayekhona uThixo, kwaye wayehlangabezene neemfuno. Owu, ndiziva ndingonenkolo. Wayesazi

ukuba wayehlangabezene neemfuno zikaThixo, kwaye oko kwayigqiba. UThixo wayevavanya ukholo lwakhe. Uyakuluvavanya olwakho. Uyakuluvavanya olwam.

72 Kodwa xa sihlangabezene neemfuno Zakhe, "Guqukani nonke ngabanye nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele," eso sisithembiso Sakhe. "Nabani phakathi kwenu ogulayo, biza amadoda amakhulu ebandla. Mababathambise ngeoli, babathandazele. Umthandazo wokholo uyakumsindisa ogulayo, kwaye uThixo uyakubavusa." Igqityiwe. "Vuma impazamo zakho, omnye komnye, kwaye nithandazelana omnye nomnye." Uhlangabezene neemfuno zikaThixo.

73 "Le miqondiso iyakulandelelana nabakholwayo. EGameni Lam bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; ukuba babambe iinyoka okanye basela izinto ezibulalayo, azisayi kubenzakalisa; ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila." Iyigqibile.

74 Qiniseka ngoThixo. Yiba nengqiniseko, yokuba entliziyweni yakho, okokuba uyakholelwa ukuba elo liLizwi likaThixo. UYobhi wayenjalo.

Umfazi wakhe wathi, "Kutheni ungamqalekisi Yena uze ufe? Kutheni, uya usiba mandundu lonke ixesha."

75 Indlela uSathana athanda ukugibisela okuya kuwe. "Kutheni, akukho ngcono kunokuba wawunjalo xa wawuthanjisiwe. Akukho ngcono kunokuba wawunjalo xa bona abashumayeli bakuthandazelayo. Bona abashumayeli abalunganga, indawo yokuqala." Ayinanto yakwenza malunga nalamshumayeli. Lukholo lwakho kuThixo ophilayo, ethethayo. Hayi oko umshumayeli akuko; koko uThixo akuko. Umshumayeli zange enze sithembiso; uThixo wenza isithembiso. Hayi ukuxhomekeka kumshumayeli; kuxhomekeke kuThixo, kunye nokholo lwakho ukukholwa ukuba lowa nguThixo. Ngoko qiniseka ngoThixo. Qiniseka ukuba nguThixo, kwaye elo liLizwi likaThixo. Kwaye uThixo useLizwini Lakhe.

76 Kwaye uYobhi wathi, "Uthetha ngokomfazi osisidengekazi." Wathi, "INkosi inikile, kwaye iNkosi ithabathile; malibongwe iGama leNkosi." Wayeqinisekile ukuba wayekho uThixo.

77 Kwaye xa kwaphumayo oko emlonyeni wakhe, indudumo zaqalisa ukugquma nemibane yaqalisa ukubaneka. UThixo waya emboniswen. Isoloko ibizela Yena emboniswen. Wahlala ethe cwaka ixesha elide.

78 Yilonto Ayenzayo. Jonga kweligquba lamaMerika amiselwe isihogo, abahambi-cawa babahanahanisi. Andicaphukanga. Kodwa isono sicaphukisa nabanina

olungileyo kuThixo. Hayi ukucaphuka ngakwisizwe, hayi ukucaphuka ngasebantwini, kodwa ndicaphukile ngakuMtyholi obangele ezi zinto ukumfamekisa abantu.

79 Aba belusi bazimfama nabashumayeli babayeka baqhubeke kunye nohlobo oluthile oluncinci lwemfundo yezakwalizwi eyenziwe ngumntu. Kufanele uzalwe ngokutsha. Kwaye uThixo uyaligcina iLizwi Lakhe. Ukumbona yena njengoko ebatyumza. Kungcono uqiniseke ukuba ukhona uThixo. "Benokumila kobuthixo, kwaye bewakhanyela aMandla ako."

80 Elihlwempu, lomncinci umfazi, wayesazi ukuba WayenguThixo. Njengoko la mphanda wawusihla, usihla, usihla, usihla, iimeko zaya zisiba mandundu namandundu, lonke ixesha. Kodwa uThixo wayeyivumela ukuba yenzeke ngala ndlela. Uyathanda nje ukwenza lonto. Uyathanda ukubeka ukholo lwakho kuvavanyo, ukubona ukuba uyakwenza njani kuyo, mawuthanjiswe kwaye uthandazelwe, emva koko akwenze mandundu. Wathi, "Yiza apha, Sathana, mbeke eluvavanyweni. Ndiyazi uyandikholelwa Mna." Makasikelelwe uThixo naphakade! Owu, bethu! [UMzalwana uBramham uqhwaba izandla zakhe amatyeli amabini—Mhl.] "Mbeke kuvavanyo ngoku. Ndiyazi wathabatha iLizwi Lam ngayo." Ingaba Angakutsho oko ngawe?

81 Wakutsho oko malunga noYobhi. "Wathi, yenza nantoni na kuye oyifunayo, kodwa ungabuthathi ubomi bakhe, ngokuba Ndiyazi uyandithanda Mna. Ulenzile idini elitshisiweyo. Uzenzile iimfuneko. Ukwenzile oko Ndimxeleleyo ukuba akwenze, kwaye uyayikholelwa. Ngoku mqengqele emalahleni ukuba uyafuna." Wathabatha yonke into yesuka kuye. UThixo wayiphindaphinda xa Wambuyiselayo. Ngokuqinisekileyo, Uyakuyenza.

82 Ubeka ukholo lwethu eluvavanyweni, ukubona ukuba siyakholwa na ngenene ukuba uNguThixo.

83 La mfazi mcinci, kungekho ntandabuzo, wathi, "Ndithandazile. Ndithandazile. Ndiyazi ndingongafanelekanga oweNtlanga."

84 Khumbula, uYesu wathetha ngaye eBhayibhileni. Wathi, "Babengebaninzanga na abahlolokazi ngemihla ka Eliya? Kodwa wayethunyelwe komnye, kwaye waye ngoweNtlanga."

85 "Owu," wathi, "Ndiyathandaza." Mhlawumbi, xa ebona ela qhekeza lokugqibela lincinci, ukufa kwakusekungenile kumasango kwaye kusiza emnyango. Ukuluma kube kanye, intwanana, kwaye yena nonyana wakhe bafe. Ndiyambona, ubusuku bonke, ethandaza, la mimoya ishushu ivuthuza, nomhlaba womile, nabantu bekhala bekhwaza ezitratweni. Wajikeleza, ngaphakathi endlwini. Wajonga kwencinci inkwenkwe yakhe. Wajonga kwipijama zayo ezincinci; zaziphelile, nenyawo zayo zivele ngaphandle. Wajonga

kwezakhe izandla, zishwabene. Wabheka emva naphambili, kodwa wathi, “Ndiyazi ukuba UnguThixo. Ndenze lonke uvumo lwam. Ndenze konke Akufunayo. Ndicelela ubomi bethu, ngenxa yozuko Lwakhe.” UThixo wambona.

86 Inxalenye yabo yayiphuma isiya kuba nemingqungqo emikhulu ndaweni ithile, bezilungisa bezenza bahle, benomboniso kamabonwakude walemihla okanye into ethile, beqhubekeka nehlabathi. Kodwa la mfazi wayeyedwa noThixo.

87 Ukusa kwaqhekeka. Wathi, “Umfo omcinci ukhale ubusuku bonke, efuna into yokutya. Yintoni endiyakuyenza ngomgubo omncinci onokuzalisa isandla?”

88 Uyazi, lamgubo yayinguKristu. Nawuphi umfundi weBhayibhile uyazi ukuba uKristu wayesiSidlo-somnikelo. Kwaye esasidlo somnikelo kwakufanele sixovulwe ngesikhethekileyo isixovulo, naso, de isike lonke iqhekezana lokhozo ngokufanayo; ngokuba uYesu Kristu usenguye, izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye lonke ikholwa liyakholelwa koko kwaye liphumle kuko. Haleluya! Unganayo yonke eyakho endala, ebandayo eyomthetho inkolo oyifunayo. Okwam, ndikholelwa ukuba uKristu usekwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ndenza ibango lam kwihlabathi labangenankolo. Ndisakholwa ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade.

89 Izixovulo zisika lonke isuntswana layo nje ngokufanayo, ngokuba Usenguye. UsenguThixo omnye Awayenguye ngoko, Unguye kanye ngoku, ngale ntsasa. Uyakusoloko eyinto enye. Yilonto isidlo esikuthethayo.

90 Kwaye ioli ithetha uMoya, njengoko sisazi ngokukaHezekile isi-4, nanjalo njalo. Seso sizathu sithambisa ngeoli; nguMoya. Yintoni? NjengoNgcwele uYohane isi-4, “UBawo ufuna abo bamnqula Yena ngoMoya nangeNyaniso.” UYesu wayeyiNyaniso. WayesiSidlo-somnikelo, kwaye le oli yayinguMoya. Kwaye uMoya, uxutywe neNyaniso, kufanele uzise into ethile. Yidibanise, yenza isonka. Owu!

91 Luphi ukholo lwakho? Xa iLizwi likaThixo lishunyayelwe kubulula Balo, ngaMandla Alo, okokuba uYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade, kwaye iLizwi liya kuba siSidlo, unayo iOli ukuyixuba naSo. Ingaba yezalisa nje isandla, okanye icephe, kodwa, nokuba yintoni, iyinene.

92 Ngoku yintoni eyilungeleyo? Ilungele umnqamlezo. Ilungele ukuzinekela ngokwayo. Yilonto ofanele kukuyenza. Ukuba iLizwi lishunyayelwe, kwaye unawo uMoya kwaye Idityanisiwe yahlangana, yezinikelayo ngokwayo iphike nayiphi intlungu, iphike nasiphi isigulo, iphike yonke into echasene neLizwi likaThixo, kwaye ime kuyo.

93 Ugqirha utsho, *oku, okuya* okanye *okunye*; akwenzi nomncinci umahluko. Yima kuYo, ngokuba uThixo utsho njalo. ISidlo siyeza. Unayo iOli. Uyayixuba Idibane.

94 Ngoku, ndiva ilizwi. Kukancinci emva kokukhanya kwemini. Ilizwi liyathetha, kwaye lithi, “Phuma ngaphandle eyadini uchole amakhuni amabini.” Ingaba uqwalasele, iSibhalo sithe “amakhuni amabini”? Umnqamlezo. Wayenawo umgubo neoli, kodwa wayezakubizwa, ukuba enze ngoku; enze ngazo. Nengakanani into onayo, esingako iSidlo okanye iOli njengoko ufuna, kodwa kufanele wenze; ukuzinikela kwakho.

95 Amakhuni amabini. Kumaxesha akudala zange bayifumane indlela engcono yokwenza umlilo. Xa uthatha ukhuni ulilalise linqamleze ukhuni, lintumeke embindini, utyale iziphelo macala. AmaNdiya abasa umlilo wawo. Ndakhe ndawubasa, amaxa amaninzi, ubusuku bonke. Thatha nje isiqobo, kunye na*le* ndlela, nesinye nga*la* ndlela, kwaye uqhubekeke nje utyhalela emlilweni njengoko sivutha.

96 Ela khuni yayingumnqamlezo. “Amakhuni amabini,” iBhayibhile itshilo. Ilizwi lithe, “Hamba eyadini uchole amakhuni amabini.” Ngaxeshanye, phezu kwentaba, kwakhukho ilizwi ladudumela kumprofeti lathi, “Yiya kumzana. Ndiyalele.” Owu, bethu! Bobabini bathobela. Into ethile kufanele yenzeke. Bobabini bayathobela.

97 Ukuba umshumayeli ushumayela iLizwi, kwaye umntu olamkelayo Lona uyaLikholelwa aze enze ngaLo, into ethile kufanele yenzeke. Ukuba ungumoni, kuyakufanele usindiswe. Ukuba uyagula, kuyakufuneka uphile, ngokuba uThixo uyithembisile, ukuba siqinisekile ngoThixo.

98 Ukuqiniseka njengokuba EnguThixo, Ufanele agcine iLizwi Lakhe. Qiniseka! Ngoko umyalelo wawungokuba, “Yiya emzaneni, ngokuba Ndiyalele umfazi ongumhlolokazi.” Umbono wavela phambi komprofeti. Nanku esiza, ehamba. Akazi apho aya khona; ayenzi namnye umahluko. Uyathobela nje.

99 Akazi ukuba ziyakube zileliphi iinkuni, kodwa kukho amakhuni amabini eyadini ndaweni ithile. Waqalisa. Waphumela ngaphaya kweyadi. Wabhekabeka, “Owu, kushushu kanjani!” Izikhalo ukusuka emzaneni, izigebenga ngobusuku zifikile apho, zazirhwaphilizela, zisela iiwayini zazo, nanjalo njalo. Wajonga ezantsi esitratweni. Akabona nto. Wafumana ukhuni lwalunye; inxalenye yomnqamlezo, ukuzinikezela. Wafumana nolunye, ukhuni. Kwaye xa walucholayo oluya lwesibii ukhuni . . .

100 Owu, okunjani ukudakumba ekwakufanele kwakukho, ukufa kulele emnyango. Yena nonyana wakhe kwakufanele batye intwanana encinci yesonka esiphekwe ngegaba bafe. Yaye iyilonto yonke. Kwaye ngamanye amaxesha, kanye phakathi kokudakumba, apho siva ilizwi.

101 Xa wachola elesibini ukhuni waqalisa ukujika, kwabakho ilizwi eleza lisuka esangweni, lathi, “Ndiphathale amanzana ngengobozi.”

102 Wajika ukuba ajonge, kunye nalamakhuni mabini esandleni sakhe, nomgubo neoli sezixutyiwe kwaye zilungile. Wathi selezilungisile, ezixubile zahlangana. Yilonto, iLizwi kunye noMoya, zifanele zixubane. Zibeke phezu komnqamlezo wokuzinikezela, ukuphika yonke enye into echasene noko ukucelileyo. Injalo lonto. "Ndiyixubile, ngoku ndizokuchola ezinkuni."

Kwaye ela lizwi lathi, "Ndiphathele amanzana amancinci, ngengobozi."

103 Wajonga, waze wabona indoda imile, yoyame ngesango, ubuso obubhityileyo, neendevu, intloko enempandla, ijonge ngaphaya kwesango, kunye nelidala ifelana legusha libhijelwe kuyo. Ikhangeleka ngathi linene elikhangeleka lilidala.

104 Wathi, "Ndiyakwabelana naye ngamanzi am." Amanzi oBomi, uyafuna ukunika nabani, ukuxelela nabani, ukuya naphina. "Nje ithutyana, mhlekazi." Wabuyela emva, kunye neenkuni esandleni sakhe.

105 Laza ilizwi laduduma kwakhona, "Hayi ukwabelana kuphela ngamanzi akho, kodwa ndizisele intwana yeqhekeza lesonka ngesandla." ISonka sobomi; amanzi obomi! Ingaba yayiyeyobomi? Wayezakufa kwamsinya nje ukuphela koko. "Ndizisele amanzi akho kwaye undizisele nesonka sakho."

106 Sifumana ntoni apha? Sisifundo sini esinokusifumana? "Funani tanci uBukumkani bukaThixo, nabo bonke ubulungisa Bakhe; ezinye izinto ziyakongezelwa."

"Ndizisele amanzana amancinci kunye neqhekeza lesonka."

107 Ngoko wajika, kukudakumba kwakhe. Ndiyamva esithi, "Mhlekazi," into enjena, "wahlukile kubantu endikhe ndababona, nabantu endikhe ndabeva bethetha. Ukhangeleka uqiniseke kakhulu koko ukuthethayo. Kodwa ndinomgubo nje owaneleyo, nje isandla, kunye nje necephe leoli. Ndiwulungisile, kwaye ndizakuwupheka ngezinkuni zimbini. Kwaye ndizakuwutya, mna nonyana wam, size sife. Kuko konke endinako."

108 Yintoni esiyivayo, emva koko, okulandelayo? "Kodwa, ndiphathele isonkana, kuqala." UThixo, kuqala. Akukhathaliseki nokuba ubani ongomnye uthini, nokuba yintoni engenye, nokuba bubungqina buni, ikhangeleka idakumbile kangakanani, nokuba ingaba yintoni, thabatha uThixo, kuqala. ILizwi Lakhe, kuqala.

109 "Ugqirha uthe andinakuphila." Kodwa, iLizwi Lakhe, kuqala. "Ndingumoni kakhulu. Ndilihenyukazi. Ndingumngcakazi. Ndilinxila."

ILizwi likaThixo, kuqala. "Nokuba izono zenu zingqombela, ziyakubamhlophe okwekhephu; zibomvu okwegazi, ziyakuba mhlophe okoboya." Kuqala, nguThixo.

110 “Hamba, ndizisele isonkana, kuqala. Konke oko onakho, kuzise kum.” Ingaba uyafuna ukukunikezela ezandleni Zakhe?

111 Ubomi bam, konke endikuko. Ndinamashumi amahlanu eminyaka ubudala. “Uyafuna, William Branham, ukububeka kuM? Niyafuna, nina bantwana bancinci, ukububeka ubomi benu kuM? Niyafuna? Ningayenza, bantu abagulayo? Ningandithemba Mna? Beka Mna phambili.”

112 “Zisa iqhekeza lesonka ngesandla sakho, kwaye undiphathele amanzana amancinci.” Wamjonga. Kwakukho into ethile eyamxelela ukuba la ndoda iyazi ethetha malunga nako.

UThixo uyazazi EZakhe izimvu. “Ezam izimvu ziyalazi iZwi Lam. Ziyazi ukuba siSibhalo okanye hayi, ilungile okanye hayi.”

113 Wajika, ngentobeko. Yilonto ekufanele uyenze. Kwaye xa wajikayo, ukuthobela oko umprofeti athe kwenze, emva koko kweza indudumo isuka eZulwini, athi wonke umntu afune ukuyiva. Ngokuba, nako kusiza indudumo ephuma elizwini lomprofeti, athi wonke umoni naye wonke umntu ogulayo afune ukuliva, “ITSHO INKOSI.”

114 Sifuna kanjani ukuyiva Lonto! Indlela aba bantu abahleli kwindlela yemoto engena kwam, bathi, “Yiza kulomnyango. Intombi yam ikwe*njalo*. Usana lwam, bethu, ngokucotha. Yitsho nje ilizwi.” Ungalitsho njani ngaphambi kokuba libe semlonyeni wakho? Uyakube ulitsho ngokunokwakho. Kodwa bafuna ukuva oko, “ITSHO INKOSI.”

115 Nantso isiza, ngaphaya kocingo, ngokuba wayethobele. Kwaye ukudandatheka kwaqhekeka. “ITSHO INKOSI. Umphanda awuyikuphela, negutyana le oli aliyi kuminyelelwa, kude kube yimini eyokuthi iNkosi uThixo ithumele imvula emhlabeni.” Owu, enjani intuthuzelo!

116 Wenza isonka. Wasinika umprofeti. Wabuyela emva wenzela unyana wakhe esinye kunye naye. Kwaye batya basela, nokuninzi, phezu komhlaba.

117 Úvelaphi? Iye njani phaya? Ngokobunzululwazi ndixelele ukuba úvela phi lamgubo. Ivela phi la oli? Ingene njani kwela selwa? Ebeyiqongqothile, yonke intsasa. Waqongqotha umphanda womgubo, yonke intsasa, kwaye wawomile. Kodwa xa wabuyela emva ukufumana omnye, wawulapho. Úvelaphi? Thabatha uThixo eLizwini Lakhe. Qiniseka ngoThixo. UnguMdali.

118 Ungaba ulahlekene nempilo yakho. Ungaba uphulukene nobudlelwana bakho. Mthabathe Yena eLizwini Lakhe. Qiniseka ukuba UnguThixo. Amaxesha okudakumba akhangelekayo ngoku, angangakhangeleki edakumbile ukuba uyakuthabatha nje iLizwi Lakhe kwaye uqiniseke ukuba UnguThixo.

119 EJamani, ngaxesha lithle, ndabona umfanekiso, kwaye wasoloko undihleli. Umzobi womJamani wazoba i...

umfanekiso o—obizwa "Umhlaba Welifu." Kwaye xa uwubona, kude mgama, yinto embi edakumbileyo ukujongeka owakhe wayibona. Nje amafu athungeleneyo, xa uwajonga kumgama okude. Kodwa xa usondela ngenene kuwo, uyaguquka. Ziimpiko zeeNgelosi zibethana, zicula haleluya kwiNkosi. Ke yilonto ukudandatheka ngamanye amaxesha kukuko. Ukuba ujonga kuko, mgama, ikhangeleka dandathekileyo namnyama. Kodwa thabatha uThixo eLizwini Lakhe uze uqiniseke ukuba ÚnguThixo, uze usondele kufutshane kuyo, uyakufumanisa ziimpiko nje zeeNgelosi zibethana.

120 Waye ngandlela ithile efana noko u-Abraham wayekuko, ebiziwe ukuba anikezele ngento yonke anayo, ayibeke esibingelelweni somnikelo. Mhlawumbi ubizelwe ngolwahlobo, ngale ntsasa. Nikezela ngeendlela zakho. Nikezela ngokungakholwa kwakho. Nikezela ngento yonke onayo. Uze emva koko uthabathe iOli neLizwi, uze uZihlanganise, uZibeke esibingelelweni sokuzinikezela. Uyakutumanisa, Iyakubizela uThixo emboniswen i, njengokuqinisekileyo njengendlela endime ngayo kulepulpiti.

Yicinge ngelixa sithandazayo.

121 Ingaba unesidingo namhlanje? Ingaba unesidingo esikhulu kunokuba unakho ukusifumana ngokunokwakho? Ingaba imali incinci kakhulu okokuba ungabinakho ukuhlawula irenti yakho? Ingaba abantwana bafuna izihlangu ezitsha, kwaye akunayo imali yokuzithenga? Ingaba umphanda womile endlwini yakho, kwaye iselwa limalunga nokoma? Akunakuthenga ukutya kwemfuyo yakho? Kwaye, kukho, into engalunganga? Khumbula, Wenze isithembiso.

122 Ingaba uyagula, kwaye ugqirha uthi udinga utyando? Akunamali yokulwenza? Unesidingo.

123 Ungumoni? Ingaba isidingo sakho sikhulu, usazi ukuba uThixo angabiza, namhlanje, uyakuba ngolahlekileyo? Ungojibilikileyo ubaleka kuThixo? Kwaye usazi ungowecawa ethile, kodwa uyazi akulunganga? Isazela sakho siyakuxelela, ngokweLizwi, ukuba akulunganga. Kwaye unesidingo. Sukuvumela lamazwi awele kumhlaba onameva, okanye ematyeni, intliziyo zelitye. Anga angawela kolungileyo, ochumileyo umhlaba.

124 Ukuba uyagula kwaye u . . . ugqirha uthe akunakuphila, kwaye uthembisa uThixo okokuba uyakumkhonza Yena zonke iintsuku zobomi bakho, kwaye uqinisekile ukuba UnguThixo, yiza hlangabezana nemfuno Yakhe. Ukuba unesidingo, ungaqala wenze kangako ukuphakamisa isandla sakho kuThixo, okokuba unesidingo sento ethile? UThixo akusikelele.

Masithandazeni.

125 Owu Nkosi, njengokuqinisekileyo njengokuba ndinjalo kulepulpiti ngale ntsasa, ndiyazi ukuba akunakubakho

nasinye sezazandla ziphakamileyo ngaphandle Kwakho uyazi lonto, ngokuba Wena unguThixo. Uthe, "Ababaninzanga oongqatyana abathengiswa ngepeni ezimbini? Kukangakanani ukuba ngaphezulu wena kunongqatyana!" Kukangakanani Úzibonile izandla zezo ziqu zinakho ukufa, ntoleyo uNyana Wakho uYesu Kristu wayifelayo! Kukangakanani ngaphezulu Úzibonile izandla zabo kunokuba Ubuya kwenza njalo ngongqatyana, ukuba iyawa ngale ntsasa! Ndiyacinga nge... ngobuninzana boongqatyana, abanakuthengiswa ngepeni ngale ntsasa, ngoba akukho mntu ubafunayo. Kwaye kuyakubakho ingxaki yokubangcwaba. Kodwa Wazi ngamnye kubo; Wazi boya ngabunye obusemizimbeni yabo. Wazi nwele ngalunye olusezintlokweni zethu.

126 Owu Nkosi, phendula umthandazo. Benze baqiniseke, ngale ntsasa, ukuba UnguThixo, kwaye NguMoya Wakho. Banga ubumfiliba nobuhle bale yanamhlanje inkolo bungawela kude kubo, ukuthi, "Owu, ndingow*ethile* ethe icawa." Thixo, kwanga oko kunganyamalala kumke kwingcinga zabo, kanye ngoku. Ngalo mzuzu mnye, banga bangabamba ufifi loBomi obunguNaphakade. Kwaye bayakubufuna baze babuLambele, ukuba bazi uyintoni uThixo, kwaye baqinisekile ukuba Ukho. Uyaligcina iLizwi Lakhe.

127 Kumoni, banga bangaguquka msinya, balungiselele ubhaptizo eGameni likaYesu Kristu. Kwaye Uthembisile Uyakubanika uMoya oyiNgcwele. Utshilo, Nkosi. Uyasigcina isithembiso Sakho.

128 Kukho umjibiliki oqinisekileyo UnguThixo, kwaye bemkile balahleka. Banga bangeza namhlanje, ngokuba Uthe, "Nokuba izono zenu zingqombela, ziyakuba mhlophe njengekhephu. Zibomvu okwegazi, ziyakuba mhlophe okoboya."

129 Kwaye ukuba kukho abo bagulayo, banga bangaqonda ukuba UnguThixo. Uyaligcina ILizwi Lakho. Kufanele Ulingcine iLizwi Lakho. Njengoko bezibeka iziqu zabo, kunye neOli yabo, uMoya okubo ovumayo ukuba bayakholwa. Kwaye emva koko, ngokunjalo, kunye neLizwi, iSonka soBomi esiphumileyo, uKristu; sasilelwa bona, kwiTestamente eNdala; nakwiTestamente eNtsa, ukubonisa ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Banga bangaxubanisa ela Lizwi kunye neOli, uMoya, abanawo, emva koko bame ngenyawo zabo esibingelelweni, bathi, "Kuko konke endinako, Nkosi. Ndiyakuzisa."

Owu, Uyakuyiphindaphinda kangakanani! Indlela eyakumbizela emboniswen ngayo uThixo wembali! Indlela eyakumenza ngayo uYehova avuke, nentliziyo edumbileyo, yokuba, "Ndifumene umntwana oyakundithobela Mna. Ndimbeke kuvavanyo, kwaye ubonisile ukuba uyandithanda Mna kwaye uyaNdikholelwa. Uqinisekile ukuba Ndinguye."

Ngokuba kuthiwa, "Lowo uzayo kuThixo makakholwe ukuba Ukho, kwaye ngumvuzi wabo baMfunayo ngokunyanisekileyo." Siphe, ngale yure, njengoko siyinikezela kuWe.

130 Kwaye, ngoku, ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe. Kwaye abo badinga nantonina, ningema ngeenyawo zenu, abafuna ukubeka . . . Ngoku, ukuba akuqinisekanga ukuba ÚnguThixo . . . Ukuba uqinisekile ÚnguThixo, uzakusigcina isithembiso Sakhe, intsindiso, impiliso, nantoni na eyiyo, ukuba uqinisekile ukuba ÚnguThixo yima ngeenyawo zakho. Ukuba unomntu ongomnye ofuna ukumthandazela, yima ngeenyawo zakho. Ukuba u—uqinisekile ukuba NguThixo, yenza isicelo sakho saziwe ebandleni labangcwele. Uyayenza njengoko usima nge . . . [Indawo engananto ekhasethini—Mhl.]

"Ndiqinisekile NguThixo. Ndiyakholwa Uyaligcina iLizwi Lakhe. Kwaye ndiqinisekile ukuba isicelo sam . . . Ndiyakusibeka phantsi kweGazi, kanye ngoku." Ukuba uyayenza lonto, beka sonke isono. Sonke isono kukungakholwa. Ungaba lilungu lecawa, kodwa ndithetha isono, okwakho "ukungakholwa." Ukubeka phantsi njengomnikelo. Uzakukunikezela. Uza emnqamlezweni. Uzakunikezela, ngoku, konke ukungakholwa kwakho. Kwaye ukunikezele kuYe, kwaye wazi ukuba Ukho, uqinisekile Uzakuphendula. Ukuba unjalo ngoko, phakamisa isandla sakho. Hlala ngalo ndlela.

131 Nkosi, Wena unguThixo. Nantsi iOli yabo kunye noKhozo lwabo, luxutyiwe. Bazizisa Zona emnqamlezweni, apho uMlilo kaThixo uyakuwela ezintliziyweni zabo (ukuba babhekiselele koko ngenene) kutshise eladini. Uyakuya emboniswen i, uvuse amanzi afihliweyo. Uphuma eZulwini, kwinqwelo yomkhosi yoMlilo. Uyakugungqisa amazulu nomhlaba wonke, ukuba ubavuze.

132 Njengoko bemile nezandla zabo emoyeni, bebonisa ukuba bayakholwa, kwaye bazinikezele, naso sonke isicelo abanaso, kanye kwisibingelelo Sakho. Owu Thixo weZulu nomhlaba, uMgwebi weZulu nomhlaba, ngokuqinisekileyo uMgwebi weZulu nomhlaba uyakwenza ubulungisa. Ngokuqinisekileyo Uyakuligcina iLizwi Lakhe, Wena Owazi iintliziyo zamadoda, iintliziyo zabafazi, iintliziyo zaba bantu.

133 Nkosi Thixo, ndiphakamisa izandla zam, ngokuba ndiyazi ndifumana uguqulo lolungiselelo ngoku. Kwaye ndiyakholwa Unjalo. Ndikubonile Umile ngaphaya kwiNtsika yoMlilo. [UMzalwana uBranham ubetha kathathu phezu kwepulpiti—Mhl.] Ndikubonile Uphengulula iimfihlo zeentliziyo zabantu. Akukho nelinye ixesha wakhe Waphosisa. Uyithembisile xa Wayenza ngaphaya, ukunqumleza isitrato apha, xa Waqalisayo ukwenza ezi zinto. Kwaye Wandikhusela elizweni jikelele, kunye najikelele najikelele. Ndiqinisekile UnguThixo. Ndiqinisekile ngoko.

134 Ndiqinisekile ngesiqu sam kunye naba bantu, kunye nomnikelo wako konke endinako, Nkosi, kuWe, ibe yinkonzo. Ndiyaqalisa kwakhona, Nkosi, ndisiya kwilizwe lonke. Ndincede, owu Thixo. Ukuba andikukholelwanga Wena nangaliphi ixesha, ndixolele ngezono zam. Ndixolele ngokungakholwa kwam. Ndiyazi Unguye, nomamkelisi wabo bafuna Wena.

135 Ngokunjalo, ndivuma izono zabantu bam, ngale ntsasa, ubuthakathaka babo nentandabuzo yabo, njengoko bemile neengalo zabo emoyeni. Ndiyazivuma izono zabo, Nkosi, nabo bonke ubuthakathaka bethu. Thumela uMoya oyiNgcwele phezu kwethu, kunye netywina lesiqinisekiso Sakho, sokuba UnguThixo. Kwaye Ulapha ngoku ukuza kusamkela, usithabathele kwiingalo Zakho, kwaye usihlangule kwinto yonke esithe salahlekana nayo. Ukuba yimpilo yethu, yanga ingabuyiselwa ngokuphindwe kalikhulu. Ukuba ngumphefumlo wethu, wanga ungeza kuthi njengotyatyambayo, okhazimlayo umbhalo, sizaliswe nguMoya oyiNgcwele, sisiwe phambi koThixo. Ukuba kukungakholwa, yanga ingeza kuthi kwakhona, Nkosi, ngokholo lokususa iintaba. Siphe, Nkosi.

136 Siyakholwa ukuba Uyashukuma, uMoya oyiNgcwele uzalisa esisakhiwo, phezu kwaba bantu, nasezintliziyweni zabo, ubase ekwamkeleni uThixo ophilayo. Oko sikwenza eGameni likaYesu Kristu.

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Wena Mvana yeKalvari,
Msindisi oNgcwele;
Ndive ngoku xa ndithandaza,
Susa zonke izono zam,
Ungaze undiyeke ndilahleke
Ndimke kuwe.

137 Uthetha lonto? Uyayamkela? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndiyayamkela ngoku. Ndiyakholwa."

Xa ndicada udada lwentlalo enzima,
Nentlungu indirhangqile,
Yiba NguMkhokeli wam;
Shenxisa ubumnyama bube yimini,
Susa usizi loloyiko lumke,
Ungaze undiyeke ndilahleke
Ndimke kuWe.

Masiqubudeni iintloko zethu.

138 Emva kobu bunzima, onqunqa kanzima uMyalezo; krwada, kwaye uziswa ngendlela engqwabalala, kodwa yiNyaniso. Kwaye ukuba ukholelwa ngokuthobekileyo oko ukucelileyo, oko uyakukwamkela, ungaze uvumele nantoni ikususe kula ndlela ithe tye. Yima kanye apho. Akukhathaliseki, nokuba ndishumayele kangakanani, nokuba yintoni umntu ayakuyenza, ayisokuze yenze nto de uyamkele njengento yakho.

139 Uyayikholelwa lonto ngentliziyo yakho yonke, yonke into othe wayinqwenela. Ukuba uyazivuma izono zakho, uThixo ukuxolele. Ungaze uyithandabuze nakanye. Ukuba ungumjibiliki, ubuyiselwe, ngale ntsasa. Ukuba udinga uMoya oyiNgcwele, ngoko bhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu ukuze zixolelwe izono zakho. Elo liLizwi likaThixo. Akasokuze aliguqule Lona enzele icawa, ihlelo, okanye nawuphi umntu. Kufanele ibe ngala ndlela. Kufanele sihlangabezane neemfuno Zakhe, hayi iimfuno zecawa, iimfuno Zakhe. Yilonto ekufanele siyenze.

140 Uthe, "Umthandazo wokholo uyakusindisa ogulayo." Ukuba uyagula, ndithandazile umthandazo wokholo ngawe. Uwuthandazile entliziyweni yakho. Kwaye wukholelwe, wamkele, yima ngxi kuwo. Iyakufanela ukuba ibe ngala ndlela. Akukho nto inokuyithatha, akukhathaliseki nokuba ikhangeleka idandathekile kangakanani.

141 Uthi, "Kulungile, ingakhangeleka ngathi ndisagula." Oko aku. . . Ziimpiko nje zeeNgelosi zidibene. Kuko konke. NguThixo kwimo yentsikelelo. Ikhangeleka dandathekileyo kuwe. Sondela kancinci kuyo uze uyijonge kwakhona, bona ukuba asingoThixo eme phaya, egcine iLizwi Lakhe.

142 Ngoku njengoko sinentloko zethu ziqutyudiwe, ndizakunikezela inkonzo kuMzalwana Neville, umalusi wethu.

Qiniseka NgoThixo XHO59-0125
(Be Certain Of God)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi, ngoJanywari 25, 1959, kusasa ngeCawa, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org